



MOTHERS
WHO CARE

(OMAMA ABAKHATHALAYO)

Ivangeli Elisekelwe uthatha inxaxheba malunga
nezenkolo yobukristu

Incwadi Yemithandazo

Umqulu Wezemithandazo

*Inkombiso-ndlela yomama abanqwenela ukuthandszela
abantwana babo*

kwakunye namacandelo abo wezemfundo

Isiqulatho / Izigaba

Incazelo	1
Amanqaku	2
Indlela yaku qala indibano yomama abakhathalayo	3
Izigaba zendibano	4
Inkqubo Yendibano	5
Ingcebiso emazilandelwe xa kuthanazwa	6
Uqhubeko lwengcebiso zomthandazo	7
Umthandazo wabantwana, nabasebenzi kwakunye nezikolo	8
Umthandazo wabo badinga uYesu	9
Indlela yomthandazo	10-11
Indlela yocela kumphathi wesikolo ukuqala indibano entsha	12
Izifundo zokudumisa	13
Uqhubekela kwezifundo zokudumisa	14
Ngaba bathini abafundisi-ntsapho kwanomphathi wesikolo	15
Ugunyazisa abafundisintsapho nabaququzeleli	16
Inxaxheba zaba phathi bentlelo	17-18
Imimoya emine yemithetho	19
UQOSHELISO	20

Incazelo / Isazisi

Ngomhla ka 1984, izigidi zomama nabantwana bakwiziko lase Canadian school bazixakekisa ngemikhuba emibi eyayijongene nabantwana babo. Beqhutywa ngamandla omthandazo,baqalisa ukuthandazela abantwana babo kwanamasebe ezemfundo.

Njengoba uThixo enze imimangaliso ngempendulo zemithandazo, kwaqaleka apho uzaliseka kwe mbono yendibano yeqela lomthandazo kumaziko onke emfundo aseCanada. Le mbono yanwenwa yaze yafikelela nakwelase United States.Namhlanje, kunendibano zamakhosikazi omthandazo kwilizwe jikelele.Amaqela amatsha aye aqalwa kwilizwe lonke.

Ababefudula besaziwa njengokwe Moms in Touch, xakungoku bazi-biza ngokwe Mothers Who Care,igama elingacazulukeka ngcono nje kwilwimi zonke zangaphandle kodwa livakalisa ngokucacileyo ubetho-ntliziyo lwevangeli yemithandazo.

Ngo nyaka ka 1990 umama uMary-Jean nomlingani wakhe uJohn Templehoff bafudukela uzweni lase South Africa bebuya eCanada. uMary-Jean ngonyaka ka1994 waqokelela indibano zomama eqala lendibano ubizwa nge Mothers who care South Africa. Senendibano kwizizwe ngezizwe jikelele.

UThixo uphakamisa amakhosikazi zwelonke afuna ukuma esidikidikini ngenxa yabantwana bawo kwanamaziko ezamfundo abafunda kuzo. Le ncwadi yemithandazo i Women Who Care ibhalelwe amakhosikazi anolubizo.Ngaphakathi kuyo kunendlela nengcebiso ezobonisa indlela onokuliqhuba ngalo indibano ye Women Who Care kwindawo yakho yokuhlala. Ngexa uqalisa uthandaza, cela uThixo akuqhubele kumanye amakhosikazi anakuzimanya nawe kweliqela. Mthembe udlamkile.Uzaliseke ngumoya wakhe oyingcwele.uThixo uzakusebenzisa ngendlela emangalisayo

Amanqaku/ Iminqweno

1. Ukubayinkonzo ehambisana nencwadi encwele, nokhuthaswa ngumoya oncwele, nenhliziyo ecwele bubuKrestu.
2. Kukugcina ubukho buka Krestu ezikolweni ngokuthi sihlise uMoya Oyingcwele ngemithandazo ukuze abafundi bazuze uYesu Krestu njengoMsindisi kwakunye noMthetheleli wabo.
3. Usondeza iimeko kwakunye nabantu (abafundi nootitshala) phambi koThixo ukuze bazuz amandla nempiliso nongenelelo luka Thixo ngemithandazo.
4. Ukuthandazela otitshala abakholwayo kwanabanye abakwizikolo ezingezinye.
5. Ukuthandazela ukuba zixatyiswe izibhalo ezingcwele ezikolweni.
6. Ukuthandazelwa koba izikolo zivelelwe ngamathuba aphucukileyo kwanenkxaso.
7. Umthandazo wokuba inga zonke izikolo zingazuza iqela lomama abakhathalayo (Mothers Who Care group)

Omama abakhathalayo (Mothers Who Care) abazi-bandakanyi nempikiswano mthetho, uqhanqalazo okanye unyanzeliso naphantsi kweziphi na imeko. Othatha inxaxheba kulemiba makenze ngokunokwakhe, engayenzeli phantsi kwegama le 'Mothers Who Care'.

Indlela yaku qala indibano “yoMama Abakhathalayo”

Ungaziqalela iqela lakho kwindawo yakho yokuhlala. Lamanqaku alandelayo ayakunceda ngokucacisa ukwazi ukuba ungenza njani xa uqala eliqembu:

1. Cela imvume yofaka umthandazo kwinqununu yesikolo, ukuba iyala gqithela phambili uthandazele isango elimbi elingavuleka.
2. Thandazela abanye omama abaziva benobizo luka Bawo lwalomthandazo, kwaye ukethe ixesha elikufaneleyo.
3. Njegoba nithandaza nonke cingisisa nabanye omama apha esikolweni abangamakholwa obaziyo ukuze banincedise ekuthandazeni.
4. Landela imiyalelo yemithandazo esencwadini ye Mothers Who Care
5. Gxinisisa kuThixo uqinisekise ukuba uqhutywa nguMoya Oyingcwele, uthembe uThixo ngeziphumo zemithandazo.
6. Cela unikwa igumbi elizolileyo apho niyokuthi nithandazele khona.
7. Qiniseka ukuba zikhona zonke inkcukacha zamalungu.

Mateyu 18:20

*NB. “Kuba apho kukhona ababini okanye abathathu behlanganisene ndawonye egameni lam, nam ndiyakuba ngowenani”.

“Kodwa umoya uzibonakalisa kuye ngamnye ngenjongo yengenelo”

1 Korinte 12:7

Imiba omele uyilandele xana kune ndibano

1. Iza ngobunjani bakho
2. Indibano zenu zeveki mazingadluli ngapha kwe Yure. Khokhelwa ngumoya oncwelel. Vula intliziyo yakho kwiminqweno nezidingo zabantu othandaza nabo.
3. Gqalani nigqibani ngexesha. Abathanda uqhubekekha bathandaza bangakwenza oko emveni kwexesha lendibano.
4. Zonyuleleni inkokheli yenu eyakuthi inithethele neNqununu yesikolo kwanomququzeleli wendawo. Ukuba kuyanyanzeleka nonyule nomntu oya-kuthi anigcinele inkcukatsha zemithandazo kwakunye nezamalungu.
5. Xa unako unozazisa xana ufika esikolweni, lonto yakha ubuhlobo obungcono.
6. Xana niqalisa umthandazo, qokelelani izicelo zemithandazo, zingase ncwadini okanye zifakwe kwibhokisi.
7. Ukuhlabelela xana unako, kodwa ukhumbule ungaphazamisani nenzolo yesikolo ngakumbi xana igumbi enikulo limelene ne ofisi okanye amgumbi okufundela.
8. Wonke ubani makafumane ixesha lokuthandaza.
9. Uqulunqo lezicelo zemithandazo malungathathi ixesha elide kuneli lomthandazo.
10. Ingcina-sifuba ibalulekile. Akho namnye ovumelekileyo ukuba athethe ngezicelo zemithandazo zabantu ngaphandle.

*Esinako sikuye ukungafihlisi kwethu, nokungeniswa
kuye sikhosile, ngokukholwa kuye.*

Ephesians 3:12

Iyaqhubekela

Ekudibaneni kubalulekile ukubetha phantsi kwezi ngongoma zilandelayo: ACTS [Ukubusa (adoration), uhlambulula (confession), umbulelo (thanksgiving), izibongo (supplication)]. Kodwa nikhumbule ukuba iMothers Who Care ayicikileli phantsi.

Gcinani oku ezingqondweni:

1. Thetha noThixo ngathi uncokola nomhlobo wakho. Umqweno wakho kukubika kuThixo amaxhala akho ngezikolo.
2. Zama ukuba ungenzi umlebelele womthandazo okanye wenze intshumayelo ngexesha lomthandazo.

Ngokuye iqel a lakho liqhelana ngoluhlobo lothandaza, nizoziwa ni-fumana umoya wamandla wobunye

- Xakuqalwa indibano kumele ibelixesha lobusa nelendumiso. "Ngena emasangweni akhe ninombulelo, nenkundla zakhe ngendumiso".
- Thathani imizuzu embalwa nizolile nimamele ukuthetha kukaThixo ezindlebeni zenu malunga nezinto ekumele nizilungisile phakathi kwenu naye.
- **Cela uThixo akuzalise ngoMoya Oyingcwele**
- Okunye okubalulekileyo ekudibaneni kwe Mothers Who Care kukunika umbulelo kuThixo ngempendulo zemithandazo.

1 Tesalonika 5:18

"Ezintweni zonke bulelani, kuba kukuthanda kukaThixo oko ngani njengoko nimanyene noYesu Kristu".

- Ngoku siza kuThixo sizothandazela abantwana bethu abasezikolweni.
- Isizathu soba sithandaze kukuzuzwa imbono kaThixo malunga nemiba nangokukhunjuzwa ngesibhalo, ukuva Yena ethetha okanye ekuthyilela umbona, nokuthandazela ukuphunyezwa kwawo ube sembonakalweni.
- Ukubuza uThixo ngakufunayo kuthi, ukuze size kwisivumelwano nembono zakhe nokusentliziweni yakhe.
- Oko kukuzalisekisa kwentando kaNkosi ethi: "UbuKumkani bakho mabufike, intando yakho ayenziwe emhlabeni njen-goba isenziwa amazulwini".

Ingongoma emakubethwe phantsi kwazo xana kuthandazwe

Umthandazo wakho ungabanje:

1. Izicelo zemithandazo. (ukuthandaza onkumxumelana nezwi – indibano nomoya oncwele) Hayi zonke izimo ngezingalunganga zodwa- Kuyindlela yakuba abantu bamazi uYesu ngendlela enzulu. Cela uBawo aziveze ebantwini abanenkaki.
2. Izidingo zabantwana
3. Ongo titshala abakhohlwayo. Uboniso lwendlela, ukhuselo, ubulumko kwakunye nophaphamo.
4. Nabo bonke abasebenzi
5. Amasebe ezemfundo nemiba ejongene nayo.
6. Ubulumko obuvela kuThixo ukuze nathi sibelulutho ezikolweni ngobonisa inkathalo kweziziganeko zilandelayo ezifana(nobhiyozelo lwemini zozalo,amatheko,mini zothando,imini zobhiyozelo lwentwasa-hlobo kwakunye nemini zobhiyozela otitshala ,njalo-njalo.)
7. Ukwanda kwe qela le Mothers Who Care kulo lonke elimiweyo

“Kwase Efese 3:20

“Ke kaloku kulowo unako ukwenza ngaphezu koko sikucelayo nesikuthekelelayo, ngamandla akhe asebenzayo kuthi, Kuye makube luzuko ngalo ibandla nangaye uYesu Kristu kuse kuzo zonke izizukulwana ngonaphakade kana-phakade. Amen”.

Uqhubekeko . . .

1. Cela uYesu anivezele imingqweno yakwe
2. Kuthandandazelwe abantwana bamalungu
3. Umthandaza wokhuseleko ezindleleni.
4. Uthandazelwa kweziziganeko zolonwabo ezikolweni ezinje ngamatheko, imidlalo nemini zowongwa, njalo-njalo.
5. Uthandazelwa kweNqununu yesikolo nosapho lwayo.
6. Uthandazelwa kwabazali nabancedisa kulawulo lwesikolo.

Izibhalo ezinoba luncedo

1 Kronike 28:9
Imizekeliso 2
Yohane 17:11,22,23
Kwabe Roma 12:2
Kwabase Efese 1:17-19
Efese 3:16,21
Efese 4:1-2,31-32

Umthandazo wabantwana

abakholwayo kwakunye nabasenzi

1. Ukuze bafundiseke kwaye baphaphame.
2. Bazuse ubudlelwane obanelisayo.
3. Ukuze ukhohlo lwabo luqinise kwaye luvuseleleke njengoko besazana noThixo naxana bedibana nolahlekiso.
4. Bayoba nobulumko nobudlelwane bokwabelana.
5. Babenokuzingca ngobungqina buka Kristu njengoko bayobe bebonakalisa ubumi bukaThixo.
6. Kobakho otitshala abaguqukayo.
7. Sithandazela nokuba otitshala balisebenzise ngobulumko ixesha labo ,bayazi intando kaThixo ,bazaliswe nguMoya Oyingcwele ubukho bukaThixo kwindawo abasebenza kuzo.
8. Sithandazela ukuba baqaqambe.

Imithandazo eluncedo

Ingenziwa ngokumayelana nemeko isikolo esijongene nayo

1. Cela ubukho buka Yesu Kristu esikolweni .
2. Thandazelani abazali abangamakhohla bangenelele
3. Thandazela abadlala indima yonontlalo ukuze bagcine izinga eliphezulu lomthetho benobulumko obuvela kuThixo

*Sidinga uthandazela abo bangamaziyo nabangekamkeli uYesu
Kristu njenge Nkosi noMsindisi
“Bazalwana, umnqweno okhohlekileuo nosentliziweni yam
nomthandazo wam ngabo kuThixo,
eneneni, kukuba basindiswe”. Kwabase Roma 10:1*

Umthandazo wabo

badinga uyesu

Izibhalo eziluncedo

Mateyu 9 :37-38
Yohane 6:44
Yohane 14:13
Kwabase Roma 10:1
Kwabase Roma 10 :13-15
2 Korinte 10: 3-5
Efese 2: 4-10
1 Timoti 2: 4-6
2 Timoti 2:25-26
2 Petros 3:9

*“Zingisani emthandazweni, nihlale nithe qwa
kuwoninombulelo”
Abase Kolose 4:2*

Indlela Yomthandazo

Joshua 1:1

Indawo zonke eziya kunyathelwa yintende yonyawo lwenu, ndininikile Ngokusebenzisa umzimba nomoya sicela uBawo asivule amehlo, indlebe, imizwa ukuba zihambisane nentliziyo yikaBawo.

Njengo siphakathi kwesisikolo siyilendibano yomthandazo cela umoya oncwele asibonise into ekufanele siyithandaze. uBawo anga sebenzisa iziqhuzethu zinxumane nomoya oyincwele ongasikhokela kwiminqweno yethu.

Imizwa yethu kunye nentliziyo yikaBawo kungasipha ukuhlakanipha nemboniso ekwakheni indlu yikaBawo apha

Isaiah 61

Mark 11:11

Indawo zonke eziya kunyathelwa yintende yonyawo lwenu, ndininikile,

Mark 6:34

Uthe ke akuphuma uYesu, wabona isihlwele esikhulu; wasikwa yimfesane ngabo, ngokuba babenjenzimvu ezingenamalusi; waqala ukubafundisa iindawo ezininzi.

Luke 13:12

Eyibonile ke uYesu, wayibiza wathi kuyo, Ntokazindini, khululeka ebultvelweni bakho.

Ezizibhalo ezincwele yimizekeliso ebonisa uthanda uThixo analo kwabantu bakhe.

Mark 10:14-16

2 Kings 6:17

Wathandaza uElisha, wathi, Yehova, khawuwavule amehlo akhe, abone. UYehova wawavula amehlo omfana lowo, wabona, nantso intaba izele ngamahashe neenqwelo zokulwa zomlilo, zimjikelezile uElisha.

Matewu 13:16

Kuba intliziyo yaba bantu ithi fithi kukutyeba, Beva ngeendlebe ezithe nkqi, Bayawacima namehlo abo; Hleze babone ngamehlo, Beve ngeendlebe, Baqonde ngentliziyo, Bajike, Ndibaphilise.

uYobhi 13:1

Yabona, konke oko likubonile iliso lam, Yakuwa indlebe yam, yakuqonda.

Matt 13v16

But blessed are your eyes because they see, and your ears because they hear. 17 For truly I tell you, many prophets and righteous people longed to see what you see but did not see it, and to hear what you hear but did not hear it.

*Efese 6:18
ngako konke ukuthandaza nokukhunga,
nithandaza amaxesha onke nikuye uMoya;
niyiphaphamele loo nto ngako konke ukuzingisa
nokukhunga, ngenxa yabo bonke abangewele*

Indlela yothetha nomphathi /inqununu yesikolo

xana uqala iqela elitsha

1. Yenza idinga
2. Cacisa injongo nemiqweni ye Mothers Who Care
3. Cela imvume yoqala iMWC esikolweni
4. Cela indawo onokuthi uthandazle kuyo esikolweni.
5. Nikeza umphathi /umphathikakazi incwadi apho bangabhala khona izicelo zabo zomthandazo
6. Xa kuthe isikolo asavuma, ziphe ithuba lobacacisela ukuba awuzanga ngozokufundisa okanye uthandaza nabafundi kwanabasebenzi. Thobeli imiyalelo yenqununu yesikolo nemithetho ayibekayo ngamaxesha onke. Fanele si funde okokuba bazogqibela besithanda besethembe, ngoku zinikela kwethu ngothando netlonipho.

Sibonile ukuba ngokuyi izokolo ziwuthemba umthandazo we Mothers Who Care, sikhe samenywa ukuze siphe umyalezo omfutshane nangexesha lakusasa lokuthandaza, kodwa lonto yenzeka ngesimemo. Nangona ibingeyiyo eminye yemiqweni yethu nje, kodwa singayijonga njengethuba lokusebenzela isikolo.

Incwadi Zendumiso

Indumo 63:3-6

“Ngenxa yokuba ububele bakho bothando bulunge ngakunbi kunobomi, imilebe yam iya kukuncoma. Ngalo ndlela ndiya kukubonga ebudeni bexesha lokudla kwam ubomi, igama lakho ndiya kuliphakamisela iintende zam. Njengoko umphefumlo wam usaneliswa yeyona nxalenye ilungileyo. Nangemilebe ephuma intswahla yemivuyo umlomo wam unikela indumiso. Xa ndikukhumbule esingqengqelweni sam, ebudeni bemilindo yasebusuku ndicabanga ngawe”.

Indumiso 106:1

“Bulelani ku Yehova kuba elungile, kuba ububele bakhe bumi ngona phakade”.

Indumiso 107:8-9

“Abantu mababulele uYehova ngobubele bakhe bothando nangemisebenzi yakhe emangalisayo konyana babantu. Kuba uwanelisile umphefumlo onxaniveyo nophefumlo olambileyo uwuzalisa ngezinto ezilungileyo”.

Indumiso 116: 12-17

“Ndiya kumbuyekeza ngantoni na uYehova ngalolonke uncedo lwakhe kum. Ndiya kunikela kuwe imibingelelo yokubulela, Yaye ndiya kubiza egameni likaYehova”.

Yeremiya 32:17

“Aww, Nkosi unguMongami Yehova! Yabona wena wenze amazulu nomhlaba ngamandla akho amakhulu nengalo yakho eyoluliveyo. Lo mbandela uphela awukunqabelanga wena.”

1 Korinte 15:57

“Makubulelwe kuThixo osinika uloyiso ngaye uYesu Kristu!”

Kwabase Efese 3:20-21

“Ke kaloku kulowo unako ukwenza ngaphezu koko sikucelayo nesikuthekelelayo, ngamandla akhe asebenzayo kuthi, Kuyi makube luzuko ngalo ibandla nangaye uYesu Kristu kuse kuzo zonke izizukulwana ngonaphakade kanaphakade. Amen”.

Isithyilelo 15:3-4

“Mikhulu kwaye ingumangaliso imisebenzi yakho, Yehova Thixo Somandla. Zibubulungisa yaye ziyinyanoso indlela zakho Kumkani kanaphakade.

Inewadi Zendumiso uqhutyekako

1Duteronomi 7:9

"Kwaye wazi kakuhle ukuba uYehova uThixo wakho nguThixo oyinyaniso, uThixo othembekileyo".



Indumiso 28:6-7

"Makabongwe uYehova kuba elivile ilizwi lam lezibongo. UYehova ungamandla am nekhakha lam. Intliziyo yam ikholose ngaye, yaye ndincediwe ukuze intliziyo yam igcobe yaye ndiya kumbonga nengoma yam."



1 Kronike 16:31, 34, 36

"Bulelani kuYehova kuba elungile kuba ububele bakhe bungonaphakade. Makabongwe uYehova uThixo kaSirayeli ukusulela kwixesha elingenammisselo kuse kwixesha elingenammisselo. Amen."

1 Kronike 29:11-12

"Bobakho, Yehova ubukhulu namandla, nobuhle, nokubaasela nesidima, kuba yonke into esamazulwini nasemhlabeni yakho. Bobakho ubuKumkani Yehova wena uphakamileyo njengentloko yezinto zonke. Esandleni sakho kukho amandla nokomelela wokumika bonke abantu. Ke kaloku Thixo wethu siyakubulela, silidumisa igama lakho."



Indumiso 34:1-3

"Ndiqhubeka ndibiza wena Yehova, Owu Liwa lam musa ukuba sisithulu kum. Ukuze ungathi cwaka kum, live ilizwi lokuongoza kwam. Xa ndiphakamisela izandla zam kwelona gumbi liphakathi lendawo yakho engcwele."



Indumiso 56:10-12

"Ndikuye uThixo ndiya kulidumisa igama lakhe. Ndikuye uYehova ndiya kulidumisa ilizwi lakhe. Ndikholosa ngoThixo andiyi koyika. Unokundenza ntoni na umntu? Owu Thixo, ziphezu kwam izibhambathiso zakho. Ndiya kwenza umbulelo kuwe."

Ngaba zithini ingununu notitshala

Catshulwa kwileta...

Mnumzana Naidoo

Kungomkhulu umbulelo koomama abajongene negalelo kuluntu ikakhulukazi iScottsville Primary.

Ndiswele amazwi okunibulela ngenkxaso yezomoya, nokuzinikela okungazenzisiyo kuluntu nakuphuhliso lwabantwana abancinci.

Sineminyaka eli-17 sinobudlelwana kunye nale ntlangano kwaye siya wuncoma siwukhuthaza ngokwenene umgaqosiseko we-MWC nakwezinye izikolo.

Kwangathi imizamo yabo nayo yonke imithandazo yabo iphendulwa.

Ozithobileyo
Mr Mhkize
Bambela iNqununu
Scottsville Primary School

Ubungqina

Andinamazwi atwaneleyo wokuchaza ukubaluleka kweqela lenu lomthandazo kwizikolo zonke ziphela. Ndibone imimangaliso yokusebenza kukaThixo imihla ngemihla engenelela kwizidingo nakwinkqubo yezikolo. Abasebenzi bayidinga ngakumbi inkxaso yalomthandazo ngokuba bangabona abasebenzisana nabantwana bethu.

Hannelie
Unobhala wasebe lase Mpuma Koloni

Ecatshukwe kwincwadi katitshala

Ko mama bomthandazo (Mothers Who Pray) abathandekayo.

Singenza ntoni ngaphandle kwenu?

Imithandazo yenu idlala indima enkulu kwisikolo sethu.

Umbulelo omkhulu kuni nonke. Qhubekani nisenza umsebenzi omhle.

Onithandayo,
uTitshala wase KwaZulu-Natal
Thina njengesikolo sase
Scottsville Primary.

Siyabulela kakhulu komama bomthandazo ngokusithwala ngemithandazo ebubini nesebuhleni. Sibulela uBawo ngokunisebenzisa ngokusithwala osemahlobeni uthu njengotitshala, sinakekela nokufundisa abantwana.

Kuthi nahlela ningamaqhawe ngoku sixabisa ngemithandazo nangelizwi.

Enkosi
Aesph Khumalo

Ukuthazo kotitshala nakubasebenzi

Indlela elungileyo yobanakalisa inkathalo namaxhala akho malunga nesikolo yeyokuba uzibandakanye noshumayela kotitshala nakubasebenzi. Themba uThixo akubonise indlela yozimanya nesikolo. Yiba nesakhono.

Nazi ingcebiso:

1. Nxulumanya neNqununu yesikolo niyazise ukuba nimubeka emthandazweni kunye nefuneko zesikolo.
2. Yiba nenkcukacha zomntu osesikolweni (utitshala okanye umsebenzi) onokwazisa izinto eninohandaza ngazo (Incwadi/Ibhokisi yezicelo).
3. Yiba nencwadi enamagama otshala ukwazi ubabize ngamagama xana uthandaza ngabo. Ukhumbule ukwazi imini zozalwa zabo.
4. Bhala incwadi yombulelo eya kutitshala womntwana wakho.
5. Cela uThixo akuphe indlela onokushumayeza ngayo otitshala nabasenzi.
6. Sebenzisa imini ezikhethekileyo (ikrisimes, imini zozalwa, imini yonobhala, nemini yotitshala njalo-njalo) apho khona uyakutsho ubonakalise umbulelo.

Inkxaxheba zenkokheli zeqela

1. Khumbula uThixo akakhangele lwazi luphangeleleyo okanye ukwazi okugqithisileyo,
Okona akufunayo bubukhona bomntu nothembakala. Inkokheli kufuneka zilawulwe libandla.
2. Thetha neNqununu yesikolo, zazise kwaye umchazele ngevangelini nan-genjongo zoqala lomthandazo. Gqithisa amaphepha azazisi. Ucele imvume yodibana esikolweni nivisisane. Qhubeka nomane uxhomana nenqununu yesikolo.
3. Zama upapasha iMothers Who Care esikolweni. Cela imvume yoku papasha kwiphepha lesikolo ngale ndibano yomama. Hambisa izazisi kumalungu we SCA nakubantwana abangamalungu we SU.
4. Thethani nomama abanqwenela ukuba ngamalungu ngexesha elifanelekileyo.
5. Cela incwadi kwa baqhuqhuze bendawo ninike amalungu enhlangano. Yibani nemithetho emine yomoya (Imimoya ifumaneka kwiphepha le20 encwadi) namalungu rhoqo ekuqalekeni konyaka naxa kungenelela ilungu elitsha.
6. Yibani nendlela yokwamkela izicelo zomthandazo, umzekelo incwadi okanye ibhokisi yomthandazo.
7. Yiba nomntu osesikolweni ohambisana nevangelini nokwaziyo usebenzisana ne MWC.
8. Zama ubonakalisa inkuthaza, nenkxasonentembeke xana usebenzisana xsnesikolo kwanamalungu womthandazo.
Ukhabano lwezimvo malungavunyelwa phakathi kwamalungu ukuze kungachitheki ubudlelwane.
9. Nilumke ubunjani kwakunye nengxaki zenu zingadakisi igama le MWC.

Inkxaxheba zenkokheli zeqelauqhubekeko

10. Thethisanani nomqhuqhezeli we ndawu nge nxaki enidlula kuzo ni-liqhembu. Banamava ngezinxabano bayokwazi ekunicebisa ngazo.
11. Fumana incwadi zendaba nezihambise kumalungu. Dlulisana zonke inkcukacha zamalungu kunobhala wenu ukwazi kubelula uxhomana naye.
12. Nazise umququzeleli wenu ngalo lonke utshintsho olwenzekayo malunga neqela.
13. Thatha inkxaxheba kwingcina-sifuba, uhloniphe imiba yabantu ehlakeleyo.
14. Hlale ukhumbula ukuba iMWC ayiloqela lempikiswano okanye loqhankqalazo.
15. Eliqela lingacelwa lincedise ngeendlela ezahlukeneyo.
16. Kodwa ukhumbule ukuba elona nqaku lethu kukuthandaza, kodwa uthatha inkxaxheba kwezinye izinto ingajongwa njengomsebenzi ozukisa uThixo.
17. Kuthaza amalungu athathe inkxaxheba ekuphumeleleni kwimihlangano emikhulu.
18. Xana kuphela okanye ekuqaleni kwesigqeba sophela konyaka ,thathani isigqibo sokonyula inkokheli entsha yonyaka olandelayo.

*“Siyabulela ngokuzinikela nokuvumela
ukusebenziswa nguThixo abusise isikolo senu”*

Imithetho emine yomoya

Umthetho wokuqhala yemithetho emine yomoya “ uThixo uyakuthanda kwaye enenjongo ezintle ngawe” **John 3:16** uthi “Kuba wenjenje uThixo ukulithanda kwakhe ihlabathi, ude wancama uNyana wakhe okuphela kwamzeleyo, ukuze bonke abakholwayo kuye bangatshabalali, koko babe nobomi obungunaphakade.” **John 10:10** usinika incazelo ukuba uYesu weyezelentoni, “Isela alizi lingazele ukuze libe, lixhele, litshabalalise. Mna ndizele ukuze babe nobomi, babe nabo ke ngokugqithiseleyo” Yintoni esivalela ngaphandle ethandweni likaThixo? Yintoni esivalela ngaphandle unxulunyaniswa nokuthululwa kweentsikelelo ezininzi?

Umthetho wesibini yemithetho emine yomoya uthi “Abantu ba ngenwe kakhulu sisona kungoko behlukene kuBawo. Yilonto singazi ngeminqweno kaThixo anayo ngathi, **Kwabase Roma 3:23** kuba akukho kwahluka; kuba bonile bonke, basilelela eluzukweni lu”aThixo” **Kwabase Roma 6:23** usinika iziphumo zokona” Kuba umvuzo wesono kukufa” uThixo wasidalela ukaba sibenobudlelwane kuye. Kanjalo ubuntu baza neso emhlabeni kwadala ukuthi sihlukane noThixo. Samosha ubuhlelwane bethu noThixo. Sithini isixombululo?

Umthetho wesithathu yemithetho emine yomoya uthi” uYesu sesona sixombululo phakathi kwethu noThixo. NgoYesu siyakuxolelwa izono zethu sibenobuhlelwane noThixo. **Kwabase Roma 5:8**” ke yena uThixo uqondakalisa okwakhe ukusithanda ngokuthi, sakubon’ ukuba sisengaboni, uKristu asifele” 1 Korinte 15:3-4 usixelela ngento ekufunefa siyazi, sikholelwe kuyo ekutheni isindiswe “Kuba ndanikela kweziyintloko izinto oko ndakwamkelayo nokukwamkela: okokuba uKristu wazifela izono zethu ngokwezibhalo,” nokokuba wangcwatywa, nokokuba uvukile ngomhla wesithathu ngokwezibhalo;” uYesu uthi uyindle eya kusindiso, **John 14:6** Uthi uYesu kuye, Ndim indlela, ndim inyaniso, ndim ubomi; akukho namnye uzayo kuBawo, engezi ngam” Ndingasizua njani esisipho esidle sosindiso?

Umthetho wesine yemithetho emine yomoya uthi” Fanele sibeke ithemba lethu kuYesu umsindisi wethu ukuthi sifumane esisipho sosindiso kwaye sazi iminqweno kaThixo anayo ngathi. **John 1:12** Ke bonke abamamkelayo wabanika igunya lokuba babe ngabantwana bakaThixo, abo ke bakholwayo kwigama lakhe; **Izenzo 16:31** Bathi ke bona, Kholwa kuyo iNkosi uYesu Kristu, wosindiswa wena nendlu yakho. **Efese 2:8-9** Kuba nisindiswe ngokubabalwa nangalo ukholo; nako oko kungaphumi kuni, kususipho sikaThixo; akuphumi misebenzini, hleze kubekho bani ...”

